


# Indlela yokuqinisekisa

## Yintoni iDebiCheck?

I-DebiCheck ikunceda ukwazi ukulawula iidebit order zakho, ikunceda ufumane isiqinisekiso esenziwa kube kanye esivela ebhankini yakho zingekapheli iiyure ezingama-48. IDebiCheck yinkqubo ekhuselekileyo echaza ngokweenkcukacha eyona mali yeinshorensi esiza kuyitsala nokuba siza kuyitsala ngowuphi umhla. Inkqubo yokuqinisekisa iza kufuneka emva kokuba uncokole nathi okanye xa kufuneka kwenziwe utshintsho kwipolisi yakho.

## Jonga la manyathelo angezantsi ebhanki yakho:

| | Uqinisekiso lwe-App | Ukubhankisha kwi-intanethi | Isigunyaziso seATM |
|---|---|---|---|
| FNB | • Iidebit order eziza kutsala ziza kuchazwa.<br>• Jonga iinkcukacha ezisiseko zeDebicheck uze wamkele<br>• Cofa indawo ethi 'Finish', kwaye uza kuvunyelwa ukuba uqhubeke nokusebenzisa i-App. | • Kuza kuboniswa izinto omele uzenze ezivela kwaDebiCheck.<br>• Yamkela uze ujonge izinto omele uzenze ezivela kwaDebiCheck.<br>• Uza kucelwa ukuba uvule i-app yebhanki yakho uze ulandele izinto oxelelwa ukuba uzenze. | • Khetha idebit order ofuna ukuyivumela ukuba itsale kwezo zikuluhlu.<br>• Emva koko kuza kuvezwa ushwankathelo lweenkcukacha onokuthi emva koko wamkele loo debit order kwiDebiCheck. |
| CAPITEC BANK | • Cofa kwindawo ethi 'Transact' uze emva koko ucofe kwethi 'Debit orders'.<br>• Emva koko cofa kwethi 'DebiCheck' uze wamkele izinto ekuthiwa zenze kwezo ungekazamkeli. | • Yiya kwindawo ethi 'My Pending DebiChecks'.<br>• Khetha uze wamkele umyalezo weDebiCheck. | Asikho |
| absa | • Cofa kwindawo ethi 'Debit Orders' kwimenyu.<br>• Khetha uze wamkele izinto omele uzenze zeDebChek kuluhlu lwezinto ongekazamkeli. | • Cofa indawo ethi 'Payments', emva koko ucofe indawo ethi 'Authorisations'.<br>• Khetha umyalezo weDebiCheck ofuna ukuwulandela.<br>• Qinisekisa ukuba iinkcukacha zichanile na uze emva koko wamkele. | • Cofa indawo ethi 'Other Transactions' de ubone indawo ethi 'DebiCheck Debit Orders'.<br>• Khetha umyalezo weDebiCheck ofuna ukuba wenzeke kuleyo ikuluhlu.<br>• Jonga iinkcukacha kumyalezo wedebit order uze uvume. |
| NEDBANK | • Khetha iakhawunti eza kutsala kuyo idebit order.<br>• Phantsi kwecandelo elithi 'Debit Order' khetha indawo ethi 'Mandate' ukuze ujonge izinto omele uzenze zeDebiCheck.<br>• Khetha umyalezo ongekawamkeli weDebiCheck uze uwamkele. | • Khetha iakhawunti eza kutsala kuyo iDebit Order.<br>• Khetha indawo ethi 'Debit Orders' nomyalezo weDebiCheck ukuze ukwazi ukugunyazisa.<br>• Jonga iinkcukacha zeDebicheck uze uzigunyazise. | • Khetha indawo ethi 'Debit Order Request' uze ukhethe ethi 'Debit Order Authorisation'.<br>• Khetha umyalezo ofanelekileyo weDebiCheck, ujonge iinkcukacha uze emva koko ugunyazise. |
| Standard Bank | • Kuza kuvela umyalezo othi kukho idebit order ekufuneka uqinisekise ukuba itsale kusini na.<br>• Landela ilinki evelayo, ujonge eso sicelo uze wamkele loo myalezo weDebiCheck. | • Khetha indawo ethi 'Transact'.<br>• Khetha indawo ethi 'Debit orders' emva koko uye kwethi 'DebiCheck'.<br>• Jonga iinkcukacha zeDebicheck uze wamkele. | • Khetha indawo ethi 'More Service' de ubone indawo ethi 'DebiCheck Confirm Mandate'.<br>• Yamkela Imimiselo Nemiqathango.<br>• Khetha umyalezo ofanelekileyo weDebiCheck, ujonge iinkcukacha uze emva koko ugunyazise. |
| Ugunyaziso ngaphakathi kwisebe | Ungagunyazisa iDebiCheck ngokuya kwisebe elifutshane nawe. | | |

### Isebenza njani iDebiCheck?

IDebiCheck ikunceda ukwazi ukulawula iidebit order zakho ngendlela ekhuselekileyo nonokuyithemba, ngokuthi ufumane isiqinisekiso esivela ebhankini ngaphambi kokuba kutsalwe imali.

### Ngaba iDebiCheck ikhuselekile?

Ewe, iDebiCheck sisombululo esikhuseleke kakhulu esisebenzisa imvume evela kuwe xa uhlawula ukuze kukhuseleke iakhawunti yakho.

### Ngaba ndingayisebenzisa iDebiCheck enokuba ndisebenzisa eyiphi iakhawunti yebhanki?

Ewe, zonke iidebit order zeeakhawunti zebhanki zilawulwa yiDebiCheck kwiibanki ezininzi eziphambili eMzantsi Afrika.

### Ngaba ikhona imali endiza kuyibhatala xa ndisebenzisa iDebiCheck?

Hayi, awukhuphi nesenti ngokusebenzisa iDebiCheck.

### Kuza kufuneka ndisenze kangaphi isiqinisekiso sokuba kwenziwe idebit order ebhankini yam?

Esi siqinisekiso sokuqinisekisa idebit order yakho kuza kufuneka usenze. Kodwa ke, ukuba inkcazelo yedebit order okanye imali etsalwayo iyatshintsha, ibhanki yakho iza kukucela ukuba uqinisekise le nkcazelo intsha.

**www.1life.co.za** | 0860 10 53 40 | Auto & General Park | 1 Telesure Lane | Riverglen | Dainfern 2191
1Life Insurance is a licensed life insurer & FSP. Ts & Cs online. Copyright 2024 © 1Life Insurance Limited - All Rights Reserved